

Inombolo yefayili.: 22/2/6/1

Isalathiso: 20241104-7992

INGcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye-FET: 0008/2024

Iya: KumaSekela balawuli-jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kubalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokunika inkxaso kwiKharityhulam, kubaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zolawulo nokuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kubaququzeleli bovavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakwiiNtloko zawo onke amaZiko eMfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke nezeSatifikethi seMatriki

**Isihloko: Uncwadi olumiselweyo lweemviwo zeBakala 12 zango-Oktobha/Novemba 2025 ukuya kuMeyi/Juni 2027**

1. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe iDBE) likhuphe iSetyhula E11 ka-2024, yomhla we-28 Oktobha 2024 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo A**), nemalunga neencwadi zokufunda zoncwadi olumiselweyo lwazo zonke iilwimi zeeNkobe, iilwimi zokuQala ezoNgezelelweyo kunye neelwimi zeSibini ezoNgezelelweyo ezi ZiiLwimi zaseburhumenteni kwiimviwo zebanga 12 eziya kubhalwa ngo-Oktobha/Novemba 2025 ukuya kuMeyi/Juni 2027.
2. KwiSetyhula E8 ka-2022, yomhla we-04 Juni 2022 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo B**), iSebe iDBE laqalisa imibongo namabali amafutshane amatsha ukulungiselela iimviwo zebanga 12 zango-Oktobha/Novemba 2023 ukuya kuMeyi/Juni 2025. Le setyhula yacacisa nokuba akukho zincwadi zadrama, iinovele, nezoncwadi lwemveli (*folklore*) ezakuqaliswa ngo-2023.
3. Imibongo namabalana amafutshane amiselweyo, aya kuba ziitekisi ezimiselweyo ezifanayo nezo zeemviwo zika-Oktobha/Novemba 2024 nangoMeyi/Juni 2025 njengoko edweliswe kwiSetyhula E8 ka-2022 kwakunye neencwadi zedrama, ziinovele, Kwakunye nezoncwadi lwemveli (*folklore*), ezidweliswe kwiSetyhula E19 ka-2018, yomhla we-12 Julayi 2018 (eqhotyoshelwe **njengesiHlomelo C**) kuzo zonke iilwimi zeeNkobe, iilwimi zokuQala ezoNgezelelweyo neelwimi zeSibini ezoNgezelelweyo ukwenzela iimviwo zebanga 12 zango-Oktobha/Novemba 2025 ukuya kutsho ngoMeyi/Juni 2027.
4. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane onke amaziko nabaviwa abaza kuhlalela iimviwo zebanga 12 zangoNovemba 2025 ukuya kuJuni 2027 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-BJ LORISTON

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**

**UMHLA:** 2024-11-07